

ELIPEPA LIPUMA

NGOLWESI-NE

IVEKI ZONKE

Lijonge Ilungelo Lomzi kupela.

Limele imfaneco ya Bantsundu ngapandle koloyiko.

Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

[Vol. XIII, No. 678

BAKER, BAKER & CO.

IMPAHLA EZINTSHA.

Imiqulu Engama 350 ye Mozleni Emhlope nezi Erim, nge 4 ½ d, 5d, 6d, 7d, 9d, 10½ d ne 1/- nge yadi enye.

Iprinti Ezintsha, 5d, 6d, ne 7d nge yadi enye.

Izephyrs ezi Pinki nezi Blown, ezingena buqenene, ezinemigca ete-tshuqu, nezincinane, 5d, 7½d, 9d, ne 10½d nge yadi enye.

Emitsha imichako yokwenza ihempe, 5d, 6d, 7½d ne 9d nge yadi enye.

Ezintsha i Flannelettes ezi Pinki, nesi Blown, nezi Krim, Nezimhlope, 5d nge yadi enye.

Isilika Ezimhlope nezi Krim, Zokutshata zona, IOJd, 1/-, 1/2,1/3,1/4 ½,1/6,1/11. 2/6 nge yadi.

Idazini ezilikulu le Zambreli Zelanga (Ezimhlopi), Nezambreli Zemvula; ziko ezamanani onke.

Iminqwazi Yesitroyi emitsha engama 750.

IMPAHLA ” EZINTSHA

KWA

Baker, Baker and Co.,

UBOYA’UBOYA

Ivenkile Enkulu Yontsundu E Cumakala

Zisani uboya benu Imfele, Izikumba, Umbona, Namazimba, naye niya Kufumana awona manani apezulu.

Iswekile, Ingubo Zokulala, Ityali, Iqiya, Amabayi, Ilokwe, Majingo, Cumse, Intlobantlobo, Zentsimbi, Ingubo Zokunxiba Zamadoda, Izihlangu, Ikoftu, Zitengiswa Ngancanani Apantsi Kanye.

R. W. WADE, Ivenkile Enkulu Yabantsundu, Beauchamp, Booth Co. E QONCE

Siyanazisa ukuba siwafezile amalungiselelo ebe siwenza sine

Mpahla Ezintsha!!

I GERMAN PRINTS, ezona zilungileyo yi 6d. i yadi.

IZITAFU Ezipindiweyo (double width) intlobo zonke zamabala yi 1/- iyadi (ngamanani alula).

ITYALI ezintsha zoboya ezisandulu kufika zenziwe kakuhle ziqala kwi 4/- ziye kwi 40/- inye.

IHEMPI eziyi micako ezomeleleyo ye 6d, 7d 9d, nge yadi.

ILOKWE ZOKUTSHATA ese/zenziwe kade ziqala kwi £1 5s, zide yiye kwi. £5, zinako noku odohwa ze zenziwa kwa oko.

IVEYILE ZABATSHAKAZI, intyantyambo.

IZIHLANGU ne SHOES nayo yonke into en funekayo yomtshato.

“Yizani Kubona Isitora setu esikulu osltsha;

Beauchamp, Booth & Co., Late JOHN J. IRVINE & Co

IMVO NELISO LOMZI.

(NATIVE OPINION AND GUARDIAN.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories,

KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, THURSDAY, OCTOBER 21, 1897.

A. W. FISCHER (Umzi obesakuba ngoka A. BEET) E MONTI

Usand’ ukufikelwa Yimpahla Entsha entle kunene, IPrinti, CREPONS, GRASS LAWNS, njalo njalo. INGUBO ZAMANE NE.—Kwezamanene kusand’ukuvulwa EZIBUHLUNGU l-Twidi EZIBANDAYO, NEZIMNYAMA, ezitengiswa NGAMANANI APANTSI PAKULU.

AMACICI E-GOLIDE NAWE SILIVERE.

A. W. FISCHER, (Umzi obasakuba ngoka A. Beet)

ARGYLE STREET, E MONTI.

IKAYA LABANTSUNDU



LEMIKYAKA I 18

IGQITILEYO,

SINGENISE KWELI LIZ WE

IBLANKETE

ZOBOYA.

EZILUKWE NGOBUGCISA OBU

BODWA, Igama lafip yi ‘‘EXTRA

NAVY or MAITROSS’’

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana

noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPA- ULE i

BLANKETS ZONKE ngopawu esi- luqinisele na Komkulu ngohlobo Iwemifa nekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENE-

NS, kangelisa kunene ukuba ina-wona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo-

ZONKE EZI BLANKETS ZIZEZINGATANDATYU- ZWAYO. ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGUQ. IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkele enitengakuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Nkonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke, APO ZIPAKULWA TCOTTJA TCCTKO

James W. Weir & Co.

E QONCE .

Ngabobodwa abanokubhala lomfanekisolwe Nkonyama

Fundan’ apa Mafama Ningalibali

Idipu zika BATTLE Zegusha!

ZIMINYAKA INGAMASHUMI OMAHLANI ZIKO.

NANTS INTO OKAD ’UYIFONA

MAFAMA, ukuba ninga ninganyanga igusha zenu ebhulen sebenzani nge Dipu zika BATTLE, eyo-Mgubo Ne-ngamanzi. Zezona Dipu Zegusha Zilungileyo, ZingenB ngozi, Zitshipu e South Africa apa, nakulo lonke. Idiip zika BATTLE zegusha zisetyenziswa Ngamafama angawont ate putu chlabatini; kaniifunde inewadi ezingqinayo kuma’ pethana ashicilelweyo.

Ezika BATTLE Idipu Zegusha “ azike zibulah Gusha ”; into yazo kunyanga ibula; zilungisa uboya ; zizi nika impilo negusha ngokwazo.

Sebenzani kupela ngezika BATTLE Idipu Zegusha uqiniseke ukuba uzuze eka BATTLE, ukuba unga zinga mhlope igusha zako zingabi nabhula.

Banayo bonke abatengisi, Pesheya kwT Nciba, nase Kokstad, Nakwindawo zonke zakwt Rulumente zempahla e South Africa.

ARTHUR and IB LIMITED

Kupela kwe Arente e South Africa,

-EBHAYI.

Lirolelo 1/4 nge Kwata (tinyane ingekapeli) 4s ipele i Kwata ingarolwanga. Unokuhlalelwa wonke Unyaka ekuveleni kwawo ng e 13s 6d Izzazio Zabatshelwo, Abatshatleyo, Nemibiko, irolelwa 2s 6d, zingene kanye; 3s 8d kabini; 5s katatu.

IXABISO 3d.]

IZAZISO ZAKOMKULU.



ZISHicilelwa nge GUNYA.

ISAZISO SAKOMKULU.—No. 68, 1897.

Kwi Ofisi ye Nkulu yo Nocanda, E Kapa, 18 August, 1897.

NGENXA ye Siqendu seshibini so Mieto No 15 ka 1887, esile songezelelwa sisiqendu sesine, nesiandantu so Mieto No. 40 ka 1895, kuyaziiswa ke kubo bonke ukuba ezizigawo zilandelayo zemihlaba ka Rulumentic ezikumzana wase MOUNT AYLIFF ziya kutetlwa eFandisini pambi kwe ofisi ye Mantyi yase MOUNT AYLIFF ngo 10 o'clock kusasa ngolwesi TATU, 27 OCTOBER, 1897, ngokwenawo nezigqibo zalo Mieto ungentla, nendlela yokuqutywa kwe fandesi, nangapezu koko ngendawo ezingati zivakaliswe ngemini yefandesi.

Isiqingwa ngasinye ziya kutengiswa ngenani elimisweyo elizi £5, noyena ntengi onani lipuzulo lingengapantsi kwelo limisweyo nia kukwinka lomihlaba.

Kanjalo umtengi lowo uyakuba nemvume yokuhlalula yonke kanye imalenyeyo yemali awutenge ngayo kwalo mini. Ukuba

(i.) Intlaulo ayivolwanga ngemini ye fandesi, isiqendu seshumi semali leyo sorolwa ngenyanga ezintandatu, size esinye seshumi sirolwlo ngonyaka ukususela kwimini yefandesi.

(ii.) Ze kuti ukuba kurolwe imali engapantsi kwesiqendu seshumi semali otengwe ngayo ngalo mini, eseleyo kweso siqendu seshumi yohlulwa ekupeleni kwenyanga ezintandatu, ze isiqendu seshumi esisicelwe sikhulwe ngo. nyaka ukususela kumhla we ntengiso. (iii.) Xa ite imali chlalulweyo ngemini yefandesi yasisiqendu seshumi senani nokuba lilipina pakati kwesiqendu seshumi nesisihlanu senani lentengiso (yomhlaba lowo) intsalela yesiqendu seshilanu senani lentengiso iya kuhlulwa ekupeleni konyaka ukususela kumhla we fandesi.

(iv.) Xa sukuba imali yentengo ingapantsi kweqontu ezimashumi nabini imali, kufuneka irolwe yonke njengoko injalo, kwaoko, kungenjalo irolwe ngeziqingata, ezilinganayo, ezoba nokuyigqiba ngesituba seminyaka emitlatu.

Inzala kwezozo siqingata zixeliweyo ngenta apa yoba yi 4 per cent, ngonyaka; ukuhlalulwa kwezo ziqingata ndawonye nenzala yazo kuya kulungiswa ngalomhla we fandesi, kubeko isibambiso ezibini eziya kukolisa imantyi, eziya kuti ke ziqinisekise ukuhlalulwa kwalo matyala.

Ukuba ke ute umtengi, umhlaumbi izibambiso zake azapumelela, okanye azanela Ukuhlalula imali yokutengwa komhlaba kwisituba sexesha elimisweyo, kuya kumfancla u Rulumente ukuba akucime oko kutengiswa, ze ite imali ebeselihlalulwe ingabalelwa kwanto isiw ku Rulumente.

Indleko zocando, njalo njalo, nezetaitile, yi 12s 3d, ziya kuhlulwa kwi mantyi okanye kumntu owoti amiswe kukondawo ngalomhla we fandesi.

Umtengi xa lite inani lay! £25 nangapezulu, unyanzelekile ukuba enze imvumelwano yokuba uya kurola inzala eyakuba yi 4 per cent, ngonyaka ku Rulumente endaweni ye four-fifths yemali yentengiso, ade abe ubhatele ngomhla wefandesi ngapezu kwe one-fifth sayo, engaseyisiti inzala irolwe kulo mali ingekahlalulwa, waye umtengi enako nkuhlalula imali yemvumelwano naninina nokuba yimalenye yayo ingengapantsi kwe £50.

Ukuba umtengi ukuba ake eme ekuhlaluleni intsalela yemali yokutengwa komhlaba kuya kufuneka enze imvumelwano yenyanga ezilishumi elinantatu ukususela kumhla we fandesi, engendanzana lonfo uya kudlwa i 1/ yonke imihla xa sehlilele ixesha komntu okanye kuti ukuba kude kwapatelela kwinyanga ezilishumi elinesibhozo emva koko lomali iseleyo kune nenzala yale yokudlwa ukuba iko kufuneka eyihlaule iyokhlanganiswa nokokuba kukuyi pina inkundla, ati ukuba akayitroli emva kwenyanga, sakuba isigwebo siwile lomhlaba uhluwe ngo Rulumente, ze imali abe seleyirilole ibe yega nku Rulumente.

Izalatiso nemigaqo yefandesi ingabonwa kwi ofisi ye Nkulu yo Nocanda e Kapa, nakweye Mantyi e Mount Ayliff.

J. TEMPLER HORNE, Surveyor-General.

GRIQUALAND EAST.

Kumandla wase Mount Ayliff.

Indleko zokulungiselela ezikankanywa ngapantsi apa ziya kuhlalulwa ngumtengi, ingengabo abahlaziyi ngemini yefandesi.

No 8123 Erf No 1, ububanzi 146 sq rds 96 sq ft; inani lentengiso £5. No 8124 Erf No 2, ububanzi 152 sq rds 96 sq ft; inani lentengiso £5. No 8125 Erf No 3, ububanzi 152 sq rds 112 sq ft; inani lentengiso £5. No 8129 Erf No 7, ububanzi 152 sq rds 112 sq ft; inani lentengiso £5. No 8130 Erf No 8, ububanzi 152 sq rds 112 sq ft; inani lentengiso £5. No 8131 Erf No 9, ububanzi 152 sq rds 112 sq ft; inani lentengiso £5. No 8132 Erf No 10, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5. No 8133 Erf No 11, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5. No 8134 Erf No 12, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5. No 8135 Erf No 13, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5. No 8136 Erf No 14, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5. No 8137 Erf No 15, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5. No 8138 Erf No 16, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; iouai lentengiso £5. No 8139 Erf h o 17, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5. No 8140 Erf No 18, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5. No 8141 Erf No 19, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5. No 8142 Erf No 20, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5. No 8143 Erf No 21, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5. No8144 Erf No 22, ububanzi: 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5. No 8145 Erf No 23, ububanzi 138 eq rds 128 sq ft- Inani lentengiso £5. No 8148 Erf No 26, ububanzi 144 sq rds 54 sq ft. Inani lentengiso £5. No 8155 Erf No 33, ububanzi 144 sq rds 54 sq ft. Inani lentengiso £5. No 8156 Erf No 34, ububanzi 196 sq rds 50 sq ft. Inani lentengiso £5. Indleko zokuhlaziya £20. No 8160 Erf No 38, ububanzi 173 sq rds 36 sq ft. Inani lentengiso £5. Indleko eokuhlaziya £10. No 8161 Erf No 39, ububanzi 208 sq rds 114 sq ft Inani lentengiso £5. No 8163 Erf No 41, ububanzi 166 sq rds 96 sq ft Inani lentengiso £5. No 8164 Erf No 42, ububanzi 166 sq rds 96 sq ft. Inani lentengiso £5. No 8165 Erf No 43, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft. Inani lentengiso £5. No 8166 Erf No 44, ububanzi 138 sq rds 328 sq ft. Inani lentengiso £5. No 8167 Erf No 45, ububanzi 138 sq rds 128 sq fo. Inani lentengiso £5. No 8168 Erf No 46, nbubanzi 138 sq rds 128 sq fo. Inani lentengiso £5. No 8169 Erf No 47, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5. No 8170 Erf No 48, ububanzi 138 sq rds 128 eq ft; inani lentengiso £5. No 8171 Erf No 49, ububanzi 138 sq rds 128 sa ft ; inani lentengiso £5. No 8172 Erf No 50, ububanzi 138 eq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5.



Xana ufuna Iwotshi, Intsimbi Ezinku Zamaxasha, Nemphahla Yentsimbi Yentlobo zonke—kubhekiswa kunye. *Ikipula ezilungileyo ze Goidle: Imisesane yokugqina neyokutshata iqaleta ku 7s 6d nanye.*

Abangama bayitunyelwa Impahla nge Posi ngepanyanazo

Abangama bayitunyelwa Impahla nge Posi ngepanyanazo

SUPPLEMENT TO IMVO, OCTOBER 21st, 1897

I PINK PILLS ZIKA Dr. WILLIAMS.

Funda ezingxelo Zilandelayo ezixela ngokupiliswa Kwabantu apa-e-South Africa ezintlungwini nase Kutyafereni leli yeza lingummangaliso.

AMADODA ASINDISIWEYO EKUTYAFENI NASE KUFENI OKUMSINYA.

- Amankazana Anilisiwevo ekudakumbeni nase Zintlungwini

Incwadi YombuleJo Evela Esibondeni.

Enyanisweni School, Riversdale,
Umzimkulu, 7th March, 1896.

Dr. Williams' Medicine Co., Cape Town.

BANUMZETU.—Kendazilinga i Pink Pills zika Dr. Williams ndazifumana zindi ncede ngapezu kwawo onke amanyeza endike ndawasebenzisa. Ndinike unyana wam u Titus okwayi Titshala apa ibotile ezimbini. Ubekatazwa futi yintloko ebuhlungu nokumana eba nomnquma ke ngoko emva kokuse- benzisa eza botile ndandimnikile ndiyavuya ukuti uziva eyi ndodana entsha. Icebo lam kubo bonke abafayo lelokuba mabake bazilinge. Ndiyavuya ukuzi yaleza ezi Pink Pills zika Dr. Williams kwizi hlobo zam ezilapa nakwezinye indawo ndaye ndizimisele kwixesha elizayo ukuzisebenzisa kakulu mna kwakunye nendlu yam xa sifuna iyeza.

Owako ngenyanis >.

JOHN SIGENGANA, Isibonda.

U Mr. HUGH KU NAN i Field-Cornet yokung qibala yesitili sase Qonce naye uyangqina ukulun'a okungummangaliso kweli yeza. Ubala enjenje ngolwake ulwazi:—

" Kwinyanga ezimbalwa ezidluleyo bendine ntlungu

zokuqaqamba kwama tambo kangangokuba kubenzima nokukwela ehasheni lam ; ngapazu koko ukuba ndanyanzeleka ukuba ndiroxe kubu Field - Cortiet. Kodwa ngetamsanqa ndabona kumapepa endaba upiliso olukulu olwenziwe zi Pills zika Dr.

Williams ndati ke ndacinga ndizi linge, emva kok- uba, nditabate ibotile ezine ze Pills ndabonakala nd- ingumntu omtsha kanye ngakucala lempilo. Ndi- saya kuzi seben-iiza i Pills zako. Ukuba uya funa ukuyivakalisa lento emapepeni ndiya kuvum- ela. Ndinga ukuba ndenza kupela imfanelo yam ku we, ndaye kanjako ndicinga ukuba ngokuti uyakuba wenza ukulunga ngokuyi bengeza lento."



EMETELE.

UYABEDLULA O***

Middleburg, Cape
Colony, March 15th, 1896.

DEAR SIR,—

Ndisanduku odola i Pink Pills zika Dr. Williams ndaye bendizi funela intombazana yabebala, eyayi sifa kakulu, onke amayezx aye xelwe ngo-gqira akayi needtnga. Kodwe ndiyavuya ukuti ite isakutata i Pills zake yaqala ukucaca, ngoku nentombi yam iyazitabata zaye ziyinceda kanye.

EBATENJINI.

UBUNGQINA BOMFUNDISI.

ITAMSANQA KUBO BONKE.

Tembuland, 30th March, 1895
St. Mark's,

Dr. Williams' Medicine Co., Cape Town.

DEAR SIR,—

Ndinovuyo ukuba ndikutumela into malunga nenkwenkwe ye Qeya, egama lingu Kirt ihlala Kule Mission. Lenkwenkwe imalunga ne shumi elinesibozo ubudala bayo, ndati ndakubona umqala noboso bayo budumbile kakubi ndayi cebisa ukuba ilinge i Pink Pills zako. Ndifumene iboliti ku Mager no March, kwa Komani. Simangalisiwe noyise kukuyi bona ipila emva kokusebenzisa ibotile enye ye Pills.

Ndixela into eyenzekileyo kupela andisayi kongeza nto ngapandle kwale yokuba zilitamsanqa eluntwini.

Owako onyanisekileyo,

* MILFORD C. MORGAN.


UBUNGQINA BOMFUNDISI.

U Rev. A. E. du Toit wase Bloemfontein uxela indlela awapiliswa ngayo kwisifo esibuhlungu liyeza elazekayo.

Isifo sokuqaqamba kwamatambo sosinye sezifo czinent- lungu kakulu, xa ate umntu wahliwa sesisifo kunzima ukuba sibuye sipume kuye. Kute ngelishwa esisifo sasesona sikoyo kakulu e Safafika, baye bebaninzi abanokukumbula imihla enzima engena butongo nemibi ngenxa yaso. Kodwa ke liko iyeza laso eliqinisekileyo. Amakulu abantu base Safafika abebeyimilwelwe ngenxa yesisifo bayavuya ngoku kulempilo intsha bayifumeneyo nokonwaba

U Rev. A. E.

du Toit wase Bloemfontein ngomnye waba, waye yena xa wayebuzwa ngu- mtunywa otille ngohlobo lokupi- liswa kwake wav- akalisa ukuba uyatanda waye uyuma ukubh- engeza inyaniso zalo, ukuze nab- anye abafayo babe nako ukw- azi apo upumzo nempiliso zikona.



yamatambo kwiminyaka etile edluleyo. Sasisengalweni yase kohlo kwakunye nesandla nemilenze. Weva intlungu kangaka ngangokude kube buhlungu nokushukumisa ingalo ; waye ngamaxesha amaninzi engena kwenza nto ngesandla nokugoba iminwe le kuyinqaba. Walinga intlobontlobo zonke zamayeza, akwanceda nto ; kuba nakuba amanye ebemnika iziqabu okwexeshana ibibehle ipele lonto.

Ude ekugqibeleni weva nge Pills zika Dr. Williams, wagqiba kwelokuba ake azilinge. Kwafuneka ukuba atabate ibhotile ezimbalwa ukuze kuti gabalala. Ke ngoku, njengoko ebetshilo kumtunywa wetu, “ Nditi ndakuva intwana yentlungu zam ezindala nditabate enye ibhotile ye ‘ Pink Pills,” ize ke lonto indincede.” Akasena zintlungu emilenzeni nase zingalweni, unokuyigoba lula ngoku iminwe yake. U Mr. du Toit kwakona usixelela ukuba ukutyafa abenako kupeliie ngokuti asebenzise ezi Pills.

U Rev. Mr. Du Toit ngomnye wamakolwa ekusebenziseni i “ Pink Pills,” waye eziyaleza kuzo zonke izihlobo zake. Ngenyaniso, inekazi elitile, elazekayo e Bloemfontein, elalisifa iminyaka eliqela sesinye sezizifo zamankazana ziqclekileyo e Safafika latabata i “ Pink Pills ” ngokwalo, lazua ukuncedeka okukulu kangangokude bamangaliswe bonke abebelazi.

Malunga nokupiliswa kuka Mr. Du Toit ukuba kungaba kusafuneka ubungqina bubobu : Ngenye intsasa ekwakubanda kakulu ngo June odluleyo wayese marikeni, awati ke wabonana nomtunywa wetu. Akuko mntu onesifo sengqangqambo yamatambo waye nokupuma pandle ngalontsasa pambi kwe blakfesi.

UKUNYANGWA KWOBUTATAKA.

Twee Rivieren,

18th January, 1896.

SIRS.—Kwixesha elidluleyo nda odola ibotile ye Pink Pills zika Dr. Will’ams ndiyifunela umnkam owayenokutyafa okukulu. Wazisebenzisa kancinane nje waziva epilile kanye. Ukuba uyatanda ungayi bhengeza lencwadi emapepeni

Owako njalonjalo,

O. J. OLIVIER.

Ukunyangwa Kwomfula Wenja Nomnquma.

U Mr. Oppenheimer ohlala e 14 Commissioner Street, Johannesburg ubhala ati :—Ku May odluleyo ndalaliswa kakubi ngumfula wenja, ndaza ndaba sezandleni ze gqira ixesha elingapezulu kwenyanga ezimbini, kodwa ndaya ndicinezeleka endaweni yobu betele. Ndazuza intlungu ezinkulu kuwo wonke umzimba nase ntloko, yati nengqondo yancipa. Ndalinga zonke intlobo zama yeza abalulekileyo, kodwa uncedo lwawo lwaba luncinane kakulu. Ndaqala ukucinga ngokuti andisakupila. Kwakona ndaba nomnquma.

Kwati xa kunjalo ndeva kakulu nge Pink Pills zika Dr. Williams ndati mazibe lilinga lam lokugqibela, ngapezukwoku ndingati emva kwe botile ndapila qete.

Ukupiliswa Kwobutataka. izandla Nenyawo ezibandayo, ukungalali.

U Miss Helena Bowker wase Thomas River, C.C., ubhala ati :— Ndimi nyaka ilishumi ndisifa ndinomnquma nokubeta okukulu kwentliziyo. Kwimi nyaka emibini edluleyo

ndangenelwa yinto yokungati isifuba sibasiwe. Ukusukela kweloxesha ndangenelwa kukutyafa. Ndasela ibotile izele liyeza lika gqira ayandinceda nento le. Bekuti ngokuhlwa kunyuke ukubeta kwentliziyo, nengqele, nokubanda kwezandla nenyawo, nokungalali, nepika, Bendikoyika ukuhlwa Ndalinga amayeza amanintsi akanceda nto. Kwati ngetamsanqa ndacola ipepa ndaza ndafunda kulo nge Pink Pills ziki Dr. Williams. Ekugqibeleni ndazimisela ukuba kendilinge ibotile Ngokwenene ndingati, pantsi kuka Tixo, zindipilisile andinako ukumbulela u Menzi wam ngokwaneleyo ngonceda endilufumeneyo ngokusebenzisa i Pink Pills. Ndiya kuvumela ukuba uyisebenzise ngokubona kwako leleta, kuba nditanda ukuba bonke abantu abanokukufa ndandi nako bafumane oluncedo.

I-Pills

UMGQALISELO.—Izinto ekufuneka zikunjulwe, I Pink Pills zika Dr. Williams azitengiswa nangayipina indlela mhlaumbi nge dazini, mhlaumbi ngamakulu, nokuba kungenye na indlela apa e South Africa, ngapandle kwebatile ezitite ezisongelwe ngepepa eli pinkilo pau *hwalo msebenzi* wetu lishicilelwe nge inki ebomvu. Ibotile ye Pink Pills zika Dr. Williams ibanje.

I-Pills

Ukupiliswa Kwobutataka. izandla Nenyawo ezibandayo, ukungalali. U Miss Helena Bowker wase Thomas River, C.C., ubhala ati :— Ndimi nyaka ilishumi ndisifa ndinomnquma nokubeta okukulu kwentliziyo. Kwimi nyaka emibini edluleyo ndangenelwa yinto yokungati isifuba sibasiwe. Ukusukela kweloxesha ndangenelwa kukutyafa. Ndasela ibotile izele liyeza lika gqira ayandinceda nento le. Bekuti ngokuhlwa kunyuke ukubeta kwentliziyo, nengqele, nokubanda kwezandla nenyawo, nokungalali, nepika, Bendikoyika ukuhlwa Ndalinga amayeza amanintsi akanceda nto. Kwati ngetamsanqa ndacola ipepa ndaza ndafunda kulo nge Pink Pills ziki Dr. Williams. Ekugqibeleni ndazimisela ukuba kendilinge ibotile Ngokwenene ndingati, pantsi kuka Tixo, zindipilisile andinako ukumbulela u Menzi wam ngokwaneleyo ngonceda endilufumeneyo ngokusebenzisa i Pink Pills. Ndiya kuvumela ukuba uyisebenzise ngokubona kwako leleta, kuba nditanda ukuba bonke abantu abanokukufa ndandi nako bafumane oluncedo.

Wonke umutu okunika i Pills ezenza i Pink Pills zika Dr. Williams ezingekuyo ibotile enopau lomsebenzi luka Dr.Williams oluse glasini, unetyala lokukohlisa, unfanelwe kukupetshwa.

I-Pills

Akukabiko yeza lifunyenweyo lifana ne Pink Pills zika Dr. Williams lento inokuqondwa ngokupila kwama wakawaka kulo lonke ihlabati ngokusebenzisa zona. Xa umrewebi wevenkile ekuxelela ukuba utabate nto yimbi esiti iyafana nazo ngokulunga, uyenza lonto kuba ngokuyenza ifane nazo ufumana imali ngokungapezulu ngayo.

I-Pills

Ngakumbilumkelaezibizwa ngokuba ngabaki begaze nzomelezayo ezenziwe ngohlobo olufana ne Pink Pills ezizizo. Zonke zitshipu zaye zingumlinganiso ongateti nto abaninizo bafuna ukufumana imali ngokuduma okukulu kwe Pink Pills zika Dr. Williams. Ezinye zenziwa zifane kakulu nezetu ngako kodwa ukuba abakagqiti mteto. Abantu baya ziswa ukuba bazilumkele. Xa ufuna i Pink Pills zika Dr. Williams qondisisa ukuba zizona, ungayamkeli enye into nangayipina indlela.

Ungamamnkeli umrwebi ongakunikiyo ngapandle kwentandabuzo lonto uyifunayo. Kuko abarwebi abalungileyo abaya kukunika bona.

I-Pills

I Pink Pills zika Dr. Williams zinokufunyanwa nokuba kukuyipina indlu yama yeza, nakubageini bezitola, zinokutunyelwa nangu Dr. Williams Co., Cape Town, iposi ibhatelwe, ngokutumela i 8/3 ngebotile, mhlaumbi i 17/- ngebotile ezintandatu.

I Tole le “Mvo.”

(“IMVO” EXTRA.)

INTLANGANISO E NGOAMAKWE.

Ngomhla weshlanu kwemiyo ibiyi ntlanganiso enkulu e Nqamakwe.

U Mr. SCULLY : Ndimbizela ukuba manazi ukuba kuko uhlobo olutsha lwe sitofu olulungiswayo e Mlata, ndiyatamba ukuba umzi ote wapupula kumacebo am woliandela neli icebo. Kuko ke indawo emyipendulwe nini ntlanganiso, eyile: Umntu ongayikuvuma ukutofa maze kutiwenna, kuba akuko meto wokunyanzela ?

U Rev. B. Ross: Makabulelwe u Rulumente ukuba abe uaalinga ukuwunceda umzi. Bendiba mma uyakuyeka bazibonele, okanye abe ezintwana zikatazayo ubezigxotile zaqabela ngolundi, niengoko ebesakwenjenjalo u Captain Blyth; mbuleleni u Rulumente ngowamzele lwake.

Mr. B. SITOLE: Bayakunyanzelelwani sezifile nje inkomo zaba beni?

Mr. SCULLY : Hai, kuko abantu ababe tofile, ekutiwe makupinde bala.

Mr. W. NZIMELA : Kausipe ituba sixoxe Mantyi.

OKwenene umlike.

Mr. F. MISASA: Akuko mntu waye case utofu, kupela tina sasifuna ukuqonda, ke ngoku siqondile.

Mr. W. NOJIWA: Hai, akufuneki ukufumane umntu avume apa kanti akunka apa uyakwenza enye into, oloholobo lokuteta lolubanga ukuba siye ehlalini. Umntu makatete apa aze ancedwe ngabanye kwindawo angaziqondiyu.

Kute pakati kwengxoxo yokuba banyanzelwe na abangavumiyu ukutofa

— U Mr. P. S. LUSASENI : Mzi wakjwetu, kuko indawo ekufuneka nayo niyikangele nayingemisa kumantyi: le ingamare emfazwe kweli lenu ngokutsho kwengxelo zamapepa. Yindawo leyo tina zititshala esityipikise shushu. Le ntlanganiso mayibe nezwi ngalomcimbi.

Mr. P. XABANISA, utete shushu naye exasa u Mr. Lusaseni, ebonisa ukuba nite cwaka, kotiwa mzi ninolwazi ngalamare, ngoko yipikiseni lendawo.

Baye abanye besiti sotinina ukuteta ngenawo ebingabekiswanga kubo ngu Mantyi?

Wema umfo ka Xabanisa noka Lusaseni ekubeni lendawo mayingeniswe. Yavunywa.

U Mr. NZIMELA akulika u Mantyi waba ngumlomo womzi. Kuvunyelwene ukuba acelwe u Rulumente ukuba anyanzele wonke umntu ukuba ntofe kwisitili sase Nqamakwe. Wapikisa namare emfazwe kwelama Mfengu.

U Mr. SCULLY: Nitete kakuhle namhlanje; lendawo yamare yebalulekileyo, kodwa ke lonto ayibangako apa kwelama Mfengu. Amapepa ase Koloni abiza lonke elilizwe kude kuye e Natal nje nge Transkei, kuko ke apo kwaka kwaqutywa inkomo nabafazi zesiwa ehlalini, lonto ke niyayazi into eteta yona. Andingeyixeli ngegama lendawo, kodwa akuko apa kwelama Mfengu.

Eso sigqibo se Mantyi siwuvuyisile umzi. Waye nomzi umbulela u Mantyi ngemigudu yake emikulu malunga nesi sifo.

J. LAMONT,

NKATULA! NKATULA ,

QUEENSTOWN.

UKUPELA kwevankile e Komani apo amafama anokuzifumana zonke izinto azifunayo.

U
J. L.

Unga angacela amehlo ecelela imfumba unazo ze Tyali, Blankete, Izibhalala, Ingubo Zamadoda, Iimppe, Prini, Izilanga, Isali, —nganye eyonke into onokulangazelwa ngumzi omtsundu, ngamaxabiso angazanga awive ngapambili e Queenstown.

Ukuze uyinakane nawe into esiyenzayo elifezekileyo ikuba 75 Eagle litengiswa nge 30/-, imixokelelwana yokutsala, yenkabi 10, 10/-, iswekile elungileyo emtubi 30/ nge 100lbs ; Ikofti 1/ ngepenti.

Kwakona unemfumba yengnbo esingonoxesha, zonke ngamaxabiso abaluluka ngobupantsi. Lilo eli ixesha labahlobo betu bangapandle ukuba batenge.

IMVELISO.

Awona manani aphezulu unokufunyanwa ngo Boya, Izikumba, Lutele, ukudla, nj do njalo, njalo njalo.

J. LAMONT,

Kwi Boloro yakwa Komani,

QUEENSTOWN.

INCWADI ZENKONZO ZEHLELO

LASE RABE.

I NCWADI dilungelo labo bonke ABAKOKELI, ABANGANGELI ne REMENTE yenkonzo zama Hlelo ase RABE. Inkonzo ezinjenge ZOKUNGCWABA, UKUNGENISWA kwama DIKONI ebu DIKONINI, IMTSHATHO, njalo njalo. Ziyakuba luncedo ukimka ukwazi kumntu ngamnye ose Rementen.

IGUQULELWE ESIXHOSENI NGU REV. W. B. RUBUSANA.

Zinokutengwa kuye, East London : nakwi Ofisi ye “ Mvo Nelson Lomax,” King William’s Town, 9d. Inye, Imunyelwe nge Posi 7d. Umqulu Weshumi elinambini 5s 6d, ngeposi 6s.

I Tole le “Mvo.”

NGOLWESI-NE, OCTOBER 21, 1897.

Indaba e Cumakala.

[NGUM’BALELI.]

Indaba ziko,—

Kuba : Sisamana ukufumana amatontsi emvula, noko ingekaneli kubalimi, ilizwe lona selihle, igusha zintotyani kakuhle, kuba ingca ibitshiswe kunene zizilumko zase jojweni. Ndim nditsho.

Kuba: Zife kakulu inkomo emva kokuba ziqatshulwe, bambi, zinganye nammbi ezisekoyo. Bona abangagapulanga fanele ukuba baya kuputuma kwa imitati ukuba balime. Kulusizi ukwa izihlobo zetu zilahlekelwa kakulu e Sihobotini. Ndim, nditsho ngosizi lwenene.

Kuba: Kuya qutywa mu kweze Lizwi, emana ukubeta ingqongo zawo, ama Rute, ama Rabe, ama Tshetshi, nama Westle, ngati aboni, ngakumbi intseli-ndiywala nemiqomboti abayikuba nahlati lakuzimela, kuba nama Fempile ngelawo icala azivula banzi ingeango zawo. Kuhle Mhleli. Ngati abantu bake baya livutela ixilongo lake. Ndim nditsho.

Nge 11 October, ngomhla wokuzalwa kuka Oom Paul, kaqubisene i club zase Johannesburg zombini—i Johannesburg Native C.C. ne Dornfontein Standard C.C., ikwa zi Netevu. Ziqale malunga no 10 a.m. Kwaqala kwangena i J N CC : hayi labhula kakuhle ikabo le Standard—CC. Into ebembi umhlaba wawulukuni kakubi, kwabonakala ukuba ibhola iyabenzakalisa abantu, isuke itande emehlweni. Sayincoma ne bowling yento zo Buhlungu no Menze, abcala le J N CC. Yadlala i J N CC yapuma ne 87. Kwangena i D S CC yapuma ne 79. Yapinda i J N CC, yapuma ne 41, zaye zibhola into zo Daniel neka Msutwana, zimka ne wicket qo. Yangena i D S CC veza ne 40. Yaba idliwa nge 3 runs i D S CC. Nazo izikora

J N CO, 1st and 2nd Innings.—D Mphahlele b Mguli 21, b Msutwana 2 ; J Mphahleli b Kwaza 0, b Daniel 0 ; T Ngxoweni b Kwaza 7, b Menze 3; T Noah b Buhlungu 4, b Menze 0 ; Mosiri b Buhlungu c Menze 0, b Buhlungu 2 ; E R Msutwana b Menze stl Mphahlele 9, b Buhlungu 8; Theo Kwaza b Menze 1, b Menze 0; J Mphahleli b Menze 4, lbw b Buhlungu 0 ; J W Mguli b Menze 18, b and c Buhlungu 4 ; T Kwaza (capt) b Buhlungu 4, not out 4 ; J Petros b Buhlungu 7, b Menze e Matyo 10; B Dalazar run out menze 4, b Menze 0; A Daniel not out 0, b Buhlungu 4. Extras 41. Total 125.

E QONCE.

Ngo Mgqibelo ogqitileyo kwakuqubisana Amagawanga (Cape Police) esanuka lirlwala yakwa Ralishiwe, naba Nisundu ngase damini. Kwaqala amagora lawo zawatsheshela into zo Magahlelo noToise” Emva komxatso onomkita wamajja okuqala kwabehle kwabonakala ukuba kunyamana entla kwawakwa. Nonjbe Yanguswakaqawka ohlanganise igela lamaqanda. Sada sati “ Maqand, ale ranise ngawenu onke na ?’’ Walitwala ipini lake u Brown ngobuso obuncena ployi, wayegcongqez kakuhle noko iskora silula nje (12). Augena ama Kushe Kubehle kwaqondakala ukuba kuko izigebenga nezinyolonyolo ezingabonisanga taru kumqengqo obetyebetye wama Qakamba ate u Bassie akufika sezi “gabehle wazenzela kanobom ngohlobo lwake yedwa Latsihona ilanga kuye 7 wickets for 104 Ekolwe ama “ Poysa ” yeyosiweye akasxyifani epakweyvo, edliwe nje nge 72 runs and 3 wickets. Iskora :

Cape Police.—Brown not out 12, Osborne b 11, Span do 0, Masterton” do 6 Neville do 0, Massey run out 0, Streatfield b 0, Ellis do 0, Hore do 0, Jeffries do 0, Gregory do 1. Byes 8. Total 52.

Natives.—Ximwe e Massey b Masterton 12, Magahlela c and b Massey 5, Fred Bopi b Masterton 14, Gwelana caught 0, Bassie run out 44, Toise b Massey 3, Menze b do 5. Muleka not out 8, Ngxoweni do 6, Byes 7, Total for 7 wickets 104.

Umjikelo we Jaji

E KATIKATI,—Pambi ko Sir J. D. Barry kutetwe lamatyalala alandelayo *Lena* isicakakazi esintsundu ngokuginya i £7 ka Mrs. French we Phoenix Hotel, ulikanyele. Unikwe inyanga ezintandatu etsala nzima. — *Bill* ngokubeta omnye ontsundu, ulivumile. Wanikwa inyanga ezintandatu etsala nzima.—*Bosch* obelipolisa ngokudubula imatva engu Danie, ulikanyele. Unikwe intsuku ezilishumi okanye azikuhle nge £5. — *E Komeni Damoyi* ngokulwenguta kabini, ulikanyele. Wakululwa. — *Andries Jacobus van Heerden*, ngokukaba abete u Eliza Nisutu. Ukululwe.—*Kobeez* ngokubalala, ulivumile esizi ubengcingane kubalala. Wanikwa iminyaka yamihlanu etsala nzima.— *Gala* ngokugwaza enye indoda ife, ulikanyele. Wanikwa iminyaka emihlanu etsala nzima.—*Nyamela, Humeni Malibelli Mami, Jejiyi Sidama, Pambonis no Xashi*, ngokubulala, abatatu bokuqala bafunyenwe benetyala nowesibozo, abanye bakululwe. Abokuqala banikwe ikati ezimashumi mabini anantlanu emoye. U Xashi iminyaka emine etsalanzima. — *Gosani* ngokubalala ulivumile. Wanikwa iminyaka emitandatu etsala nzima.—*Engelbrecht* ukuba kuguulwe umtshato nowakwake ngorexozo lomtazi waqulwa.

Murphy emangalawele ngumtazi wake ukuba ahlukaniswe nendoda leyo yake ngamatyala kubo ikohlakele, yamhlala. Bahlukaniswe. — *Coetze* ixegokazi libambene no Coetze unyana libiza £500 demetsho yokusetyenziswa komhlaba walo ngu nyana. Liyakugqwetywu e Rini.

Kuba: Kuse kuzakuba kuhle, kuba amanenekazi akasozeli ngoku—selecele, asinto ungake uve kusitiwa kwati into etile, nokuba yeyalupina uhlobo, isenziwa ngamanenekazi. Ehla betu, wona lamanene azama ukuquba, ayakuxaswa yintonina ekwenziweni kwezinto? Fan’ ukuba lonke ikabakazi lenqubela liseSe Seminareni e Mgwali. Selenga angafuta kakuhle betu u Miss Hope. Sekuza kuba kubi.

Elinye inenekazi sive libuza ukuba IMVO le ishicilelwa pina? Bota ke Mhleli. Ndisatshonela okwanamhla. Ndim nditsho.

SLAGHTER’S NEK.—Ama Bhalu ake angenwa lipukupuku lokwaka isikumkuzo samabhulu awaxhonywa e Slaughter’s Nek. Kwenziwa imali etile, kodwa lonto ayikazange ipumelele. Omnye wawo owaye role imali ubhale isixwexwe sencwadi kwipepa lama Bhulu emema okwake.

KWA BULAWAYO.—Sebequlile bacimbile abantu ukusinga kwa Bulawayo, apo kuhlatyelwa kona indyebho ezifunyanwa kwelo, nololiwe selengene. Kuvakala ukuba usaya kuvulwa uloliwe ngosuku olwalumiswe.

November 4.

paper can effect. It is not well within your knowledge, that wars have before to-day, been started by the action of irresponsible persons, against whose hot headedness and fanaticism, Chiefs and Headmen have alike proved powerless? This class of Native will, I fear, exist long after you and I have joined the majority.

You may break, you may shatter the base as you will: But the scent of the rosebud will cleave to it still.

It is exactly therefore for this class of people that the presence of armed forces are requisite. Consequently I maintain that you, if all people, should be alive to the advisibility of such action on the part of a Government, whose sole and only object is peace. “Nero fiddled while Rome burnt.”

No regular subscriber to your excellent little paper, can be blind to the fact of your untiring efforts to reconcile race differences, but there are remote corners of this vast country, where superstition and ignorance abound, and where your voice will not be heard for many a long year to come. The policy throughout the entire civilised world, among the great European Powers of to-day, is, and has been from time immemorial, to occupy a position of *armed neutrality*, and this, I contend, is the secret of peace.

A Native, who is surrounded by rather a “ bad lot,” asked me the other day what the C.M.R. were doing in Kokstad ? When I explained the matter to him, he said that he considered the Government were acting very wisely.


I am myself living among the mountains, and at a very considerable distance from any European, but neither I nor my family entertain any fears of a collision with our coloured friends.

Considering that the country is passing through a crisis of unexampled severity and trial, the Natives on the whole are behaving very temperately; at the same time it is not wise to forget the old saying—“I were better to be safe than sorry.

Yours, etc.,

N. ADAMS LOWE.

Mandileni, East Griqualand, October 8, 1897.



Abant' Abantsundu

BASE

KAMASTONE,

OXKRAAL,

GLEN GREY,

NASE

TEMBULAND.

Very faithfully yours,

W. C. SCULLY.

Native Unrest.

IMPORTANT LETTER FROM FAR EAST GRIQUALAND.

[LETTER TO THE EDITOR].

SIR,—I have followed with great interest your disclaimers on the subject of any hostile feeling among the numerous Native tribes in these vast territories, and while sympathising with you in many ways venture to suggest that there are one or two facts (and not unimportant ones) that you seem to have overlooked.

In the first place, allowing me to preface my remarks by saying that I am not aware of any one who has been bold enough to state that the Natives contemplate a trial of strength with the Government.

The action of the authorities in moving troops about from one place to another is simply in the ordinary routine of military experience, and a body of men, such as the C.M.R., for instance, are as a matter of course located in centres where their presence at the time seems necessary. This course of action instead of stirring up a hostile feeling has, to my mind, quite the contrary effect.

Surely, Mr. Editor, I cannot teach *you* anything about the Natives, their ideas customs etc., but you should know that there are thousands of superstitious hot headed, young, aye I and 6ven old bloods, who are beyond the pale of either journalism, Missionary labour, or any salutary influence that your